



Province of the
EASTERN CAPE
HEALTH

**INTETHOYOHLEHLO LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**



Together, moving the health system





Fraud prevention line: 0800 701 701
24 hour Call Centre: 0800 032 364
Website: www.ehealth.gov.za

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

**Somlomo noSekela Somlomo Ababekekileyo
Nkulumbuso Ebekekileyo
Malungu Abekekileyo eBhunga Elilawulayo
Malungu Abekekileyo eNdlu Yowiso-mthetho yePhondo
Nkokheli zawo onke amaqela ezopolitiko amelweyo kule Ndlu
Sihlalo weKomiti eJongene nezeMpilo
Nkokheli zeMveli
Nkokheli zeeNkolo
Ibhodi zezibhedlele neekomiti zeekliniki
Abathathi-nxaxheba bamaSebe,
Namandwendwe azindwalutho**

Ingabula-zigcwau

Ngale ntsasa yanamhlanje ndithi kuni nonke, izicaka mazithambe, iinkosi zivumile. Ndiziva ndiwongekile lithuba lokuba ndinike Intetho Yohlahlo Lwabiwo-mali noMgaqo-nkqubo ka-2019/20 yeSebe leZempilo eMpuma Kapa phambi kwale Ndlu izukiseke kangaka.

Somlomo Obekekileyo, ukuthiwa thaca kwale ntetho yomgaqo-nkqubo kungeyeKhala, nengokokutsho kwekhalanda yezeMpilo, yiNyanga yezeMpilo zeNgqondo. Ukhankaselo nyulo lweAfrican National Congress lugqamisa ezempilo zengqondo njengenyemiba enikwa ingqalelo sisigqeba esixhuzula imikhala yaye xa ndidadela enzulwini kwintetho yam, ndizakudandalazisa elubala izicwangciso zesebe zokuphawula inyanga yezempilo zengqondo.

Somlomo Obekekileyo, iQumrhu lezeMpilo leHlabathi luyichaza iMpilo njengemeko egqibeleleyo yokuphila ngokwenyama, ngokwengqondo nangokwentlalo yoluntu hayi nje ukungabikho kwesigulo. Ngenxa yesi sizathu, kubaluleke kakhulu ukuba sishukuxe iimeko zentlalo ezichaphazela ezeMpilo nezizimeko zoqoqosho nezentlalo yoluntu ezinempembelelo ezempilweni zabantu noluntu, ngeli xa kufakwa intsontela amaphulo okugidingwa kwezempilo.

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

Isicwangciso-ngqangi sethu sale minyaka mihlanu izayo lukhankaselo nyulo lweqela elilawulayo, iAfrican National Congress, nesamkelwe ngezandla ezishushu. Esona sithembiso siphala phambili kolu khankaselo nyulo kukuba, njengorhulumente sizakuthatha amanyathelo akhawulezileyo ukuphucula imeko yezibhedlele neekilini ukuphumeza ukulingana nokufana kweenkonzo zempilo phambi ko-2025. Ugxininiso kwigama “*akhawulezileyo*” luhambelana ngokukuko nokubethwa kohadi olwenziwe yiNkulumbuso yethu Ebekekileyo “*lokukhawuleza*” ukunikeza ezi nkonzo zidingeka kakhulu kubantu bephondo lethu.

Unikezo lweenkonzo kwiintsuku ezilikhulu zokuqala

Ukuphawula ukuba ndiyasabela kuhadi olubethileyo Nkulumbuso Ebekekileyo, ndifuna ukwenza isibophelelo phambi kwale ndlu esithi ndiyitshaye isaqhuma. Kwiintsuku ezilikhulu zokuqala ndikwesi sikhundla, ndizakwenza oku kulandelayo:

1. Ndizakuqinisekisa ukuba zonke izibhedlele zethu zilandelela imithetho engqongqo yokutya okwamkelekileyo ngelinge lokuthintela iziganeko ezikhwinisayo ezifana nezo bezijikeleziswa kumakhasi onxibelelwano.
2. Ndizakuqhubela inkqubo yonikezelo lweenkonzo kwimigubasi yoluntu ngenkqubo yokuphuma ingqina kwamagosa karhulumente esiya eluntwini iThuma Mina kwiinqila ezintathu (3) iAlfred Nzo, iBuffalo City neChris Hani.
3. Ndizakuqubisana nokuphuphuma kwabantu kwicandelo labonzakele ngokumasikizi eButterworth Hospital kuquka nokuqubisana nomngeni wezigulane ezilala kwesi sibhedlele ebusuku zingagunyaziswanga.
4. Ndizakuqinisekisa ukuphucula ukufumaneka kweenkonzo zempilo kweyona nqila yethu inkulu, iOR Tambo ngokuvula iikliniki ezisibhozo, enye yazo izakuvulwa nguMongameli Obekekileyo woMzantsi Afrika ngomhla wamashumi amabini anesihlanu kweyeKhala.
5. Ndizakusingatha iNgqungquthela yezeMpilo yePhondo njengentlola kwiNgqungquthela yezeMpilo kaZwelonke ndikwagxila kwiinkqubo zempilo zephondo ezingundoqo ukulungiselela isiQinisekiso seMpilo sikaZwelonke (National Health Insurance).

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI NOMGAQO-NKQUBO 2019/20

Malungu Abekekileyo, njengesebe lezeMpilo, singathi xa sijonga emva kwiminyaka edlulileyo engamashumi amabini anesihlanu sikwenze oko ngokuzingca okukhulu, xa sijonga amanyathelo athathwe ngurhulumente wethu ukuphucula izinga leempilo zabantu beMpuma Kapa. Asimfamekanga kwimingeni ethe gqolo ukusongamela, kodwa siyazi ukuba kunyanzelekile ukuba sikhankanye oko kubeyimpumelelo yethu noko sikufundileyo kuyo, njengoko sisingise phambili kumzamo wethu wobomi obungcono kumntu wonke.

AMAGQABANTSHINTSHI KUNIKEZELO LWEENKONZO

Ukuhlaziya ezeNkathalelo yokuQala yezeMpilo

Sekela Somlomo Obekekileyo, kule minyaka mihlanu idlulileyo, isebe lezeMpilo lenze umqela oncomekayo ukuphumeza iinjongo ezibekiweyo zeSahluko seshumi zesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sika-2030 (National Development Plan 2030) sokufezekisa ukuba abemi bonke boMzantsi Afrika badle amazimba iminyaka engamashumi asixhenxe ukususela ekuzalweni, kunye nesizukulwana esiphila ngaphandle kogwalayo somlisela nomthinjana oneminyaka engamashumi amabini.

Siye saphucula ukufumaneka kweenkonzo zempilo ezifanayo nezilinganayo njenge nxalenye yokulungela ukuphumeza isiQinisekiso seMpilo sikaZwelonke ngogxininiso olumandla kwisithili sikazwelonke esiqoma isiQinisekiso seMpilo sikaZwelonke iOR Tambo nesithili esiqomayo sephondo saseAfred Nzo. Iinkqubo zokulungela zisekelwe kwizintlu ezine: Amaqela asemaWadini aphuma Ingqina aye eluntwini (WBOTS), Inkqubo yeSikolo Ethungelana nezeMpilo, Ukuqehswa kweNgcungela Jikelele (GPs), nokusungulwa kwenkqubo yeCentral Chronic Medicines Dispensing and Distribution (CCMDD).

Somlomo Obekekileyo, isebe lonyule Amaqela asemaWadini aphuma Ingqina aye eluntwini angamakhulu asixhenxe anesithandathu, nto leyo eyenza ukuba ubuncinane kubekho beqela elinye kwiwadi nganye kwezingamakhulu amathandathu angamashumi asixhenxe anesixhenxe zoomasipala ezisephondweni. La maqela akwazile ukutyelela amakhaya ukubhalisa nokulandela umkhondo

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

nokulandelela izigulane eziguliswa kukungatyi amayeza ngokukuko. Kwinkqubo yeSikolo Ethungelana nezeMpilo, sisengela thungeni linye neSebe lezeMfundo neloPhuhliso Loluntu neNkqubo eziKhethekileyo ukuphumeza iinkqubo zempilo ezikolweni kwiphiondo lonke. Abafundi abangamawaka alikhulu elinamashumi asixhenxe anethoba anamakhulu amathandathu anamashumi amane anesithandathu (179 646) nabangamawaka angamashumi asibhozo anesine anekhulu elinamashumi amahlanu anesibini (84 152) bebanga lokuqala (1) nelesibhozo (8) ngokulandelelana, bebehlolelwe ukulungela ukufunda nezinye iintlobo zokhubazeko baze basiwa kumaziko ezempilo neenkonzo zoluntu apho kukho imfuneko khona. Ukongeza koku Somlomo Obekekileyo, amaqela ezempilo ezikolweni, anikezele ngemilinganiselo yokunyanga, eyokuqala kubafundi abangamawaka angamakhulu amabini anamashumi amane anesithathu amamakhulu asibhozo anamashumi anesithoba (243 890) neyesibini, yeHuman Papilloma Virus (HPV) kubafundi abawaliwaka lamakhulu elinekhulu elinamashumi asithoba (100 190) ukuthintela umhlazo wesibeleko kumantombazana aselula,

Amaqela eeNgcali zeziGulo kwiiNqila (DCST) angamanye amaxhadi okulungela inkqubo yeNHI. Nangona isebe lijamelene nemingeni ekutsaleni umdla nasekugcineni ezi ngcali kwiinqila ezisemaphandleni, umsebenzi oncomekayo wenziwe liqela elikhoyo leengcali ingakumbi ekunciphiseni ukubhubha kwabantwana namanina. Somlomo Obekekileyo, ndivumele ukuba ndikhe ndibenomkhethe kancinci ndibalule iingcali ezintathu (3) zonyango kwiinqila, ezi ngcali nguGqirha Mandondo (Ezokubelekisa & Ezempilo zangasese zamanina), uGqirha Makubalo (Ezempilo zabantwana), noGqirha Nash (Unyango lwezosapho).

Ukuphucula ukufikelela kumayeza ezigulo ezinganyangekiyo, ukuphungula ukuphupuma kwamaziko ezempilo zizigulane nokunciphisa Amaxesha okulinda, isebe liye laphumeza inkqubo kazwelonke yeCCMDD. Iindawo zokulanda amayeza ezizimeleyo ezilikhulu elinamashumi amabini (1200 eziquka uClicks, iindawo zamayeza zabucala nePosi yoMzantsi Afrika ziye zasekwa, ngeli xa isebe linamaziko angamakhulu asixhenxe anamashumi amathathu anesibhozo (738) zinemichakazo yemigca ekhawulezayo yezigulane ezichachayo. Isigcwangciso sethu ngexesha

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

leMTEF ka-2019 kukuqinisekisa ukuba onke amaziko ezempilo anale michakazo inemgca ekhawulezayo.

Malungu Abekekileyo, iinkonzo zethu zonyango zikaxakeka zifumene uhlumo nalapho izithuthu zezigulane zinyuke ukusuka kumakhulu amathathu anesithandathu (306) ukuya kumakhulu amane aneshumi elinesithoba (419) yaye kwaphunyezwa isivumelwano seenqwelo-moya ezintathu (3) ezinikeza iinkonzo zonyango ngaphakathi kwiinqwelo-moya. Ukongeza koku, iphondo lithenge izithuthi zezigulane ezilikhulu elinamashumi amane ezivala isikhewu ezoluhlobo lwe4X4 ukuhpucula ukufikelela kwezona ndawo zisemaphandleni zephondo. Sivule amaziko amatsha eEMS eGreenville, Somerset East nasePort St. Johns ngelinge lokuzisa iinkonzo kufuphi noluntu. Ngaphezulu, iziko elinobumbetshebetshe nobuchwepheshe bale mihla leEMS livulwe eBhayi yaye liqulathe ubuchwepheshe bokuphendula ngokungenamakhwiniba nangokuphucukileyo kwiimeko zikaxakeka kula masipala umbaxa.

Mandivume Somlomo Obekekileyo ukuba amalinge wethu okuphucula amaxesha okuphendula kwiimeko zikaxakeka asileliswa yimeko engaginyisi mathe yeendlela zethu zasemaphandleni nekhokelela ekonakaleni okuthe gqolo kwezithuthi namaxesha amade okulungiswa kwazo. Mandiyithethe ngokuphandle Somlomo Obekekileyo ukuba le ngxaki yokugcinwa kwezithuthi zezigulane ixesha elide kwiindawo ezilungiswa kuzo iwenza nzima umsebenzi wethu sili sebe. Lo mba siyawuqwalasela sidibene neSebe lezeNdlela nezoThutho.

Somlomo Obekekileyo, idabi lethu elichasene nogawulayo nentsholongwane yakhe nesifo sephepha belunenzondelelo. Ekupheleni kweyoKwindla ka-2019, isebe belibeke izigulane ezingmawaka angamakhulu amane anamashumi asithoba anesithathu anamakhulu asibhozo anamashumi asixhenxe anesithoba (493 879) kwiART. Njenge nxalenye yeqhinga i90-90-90, isebe livavanye izigulane ezizigidi ezisibhozo ezinamawaka angamakhulu amane (8.4). Ezi mpumelelo zifezekiswe bubhlakani nobambiswano olunolwamvila neBhunga likaGawulayo eMpuma Koloni, amaqonga oluntu, namacandelo amasebe. Isantya sempumelelo sonyango lwesifo sephepha luhlale luzinzile kufuphi nomyinge washumi asibhozo ekhulwini

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI NOMGAQO-NKQUBO 2019/20

(80%) ngenxa yokusungulwa kwemigomo emitsha yokunikezwa kweepilisi zonyango, umzekelo, Bedaquiline neLinezolid kunye neqhinga lonyango lwesifo sephepha oluxananazileyo.

Kwilinge lokuphucula ubukho bamayeza kumaziko wethu ezempilo, siye sasungula Ubuxhakaxha Bokubonisa Amayeza Akhoyo Elugcinweni (SVS) kuzo zonke iikliniki namaziko ezempilo oluntu. Obu buxhakaxhaka buphawula iibhakowudi ushicilelele nomthamo wamayeza abalulekileyo akhoyo elugcinweni kuquka amachiza alwa intsholongwane kagawulayo (ARVs), amayeza esifo sephepha, izigonyo yaye bunceda kubonakale ubukho bamayeza kumaziko ezempilo.

Uphuhliso Noqeqesho Lwezakhono Zabasebenzi

Somlomo Obekeileyo, abasebenzi bezempilo abangoompondo-zihlanjiwe nabanqwanqwadekileyo bayantsika edingekayo kunikezelo lweenkonzo zezempilo ezisezingeni eliphezulu. Iinkxaso-mali zokufunda ezingamakhulu amahlanu anamashumi amane anesihlanu (545) zinikezwe kubafundi bezonyango kubo abafundi abalikhulu elinesithathu (103) bayinxalenye yeNkqubo yezoNyango iNelson Mandela- Fidel Castro ukanti abanye balolongelwa kwiiduyunesithi zeli lizwe. Ukuongeza Somlomo Obekekileyo, abongikazi abalikhulu elinamawaka asixhenxe linamashumi amahlanu (1 750) bebeqeqeshwa eLilitha College apho kubo abangamakhulu amahlanu anamashumi amabini anesibhozo bebekumacandelo obungcaphephe aquka Ukubelekisa Kwenqanaba Eliphezulu (Advanced Midwifery), Ubunzululwazi Bokonga Umntwana (Child Nursing Science) Inkathalelo yokuQala yezeMpilo (Primary Health Care), Unyango lwamathambo (Orthopaedics), Ubunzululwazi Bokongiwa Kwamehlo (Ophthalmic Nursing Science)

Inkqubo Yokufundisa-Impangelo, Uqeqeshela Umsebenzi Abathweswa-Sidanga Neenkqubo Zokuphucula Abachweli Ezenzelwe Ulutsha Olungaphangeliyo

Malungu Abekekileyo, njengorhulumente sinoxanduva lokuvelisa amathuba okuqeqesha ulutsha ukulilungiselela ukuqeqeshwa ondilisekileyo emva koqeqesho.

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI NOMGAQO-NKQUBO 2019/20

Umlisela nomthinjanaongamawaka amane anamakhulu amathandathu aneshumi elinesithathu (4 613) aqeqeshwe phantsi kwenkqubo yokufundisa-impangelo, ingqesho eeqeshela umsebenzi nequlathe iNkqubo yeNgqesho Yabathweswasidanga eQeqeshela Umsebenzi, (Graduate Internship Programme), Inkqubo yaseTVET yeNgqeqesho eXhobisa Ngamava (TVET Experiential Training Programme), Inkqubo yokufundisa-impangelo yabaNcedisi abasaKhasayo bakaSomachizi (Learner Basic Pharmacist Assistant Learnership), Inkqubo yokufundisa-impangelo yaBongikazi (Nursing Learnership), Inkqubo yokufundisa-impangelo yabaChweli (Artisan Learnership), Uqeqesho lwabaChweli (Artisan Apprentices). Ezi nkqubo zolutsha ziqulunqelwe ukuba lulutho ingakumbi kulutsha olunkaba yalo ikwiindawo ezibhuqwa yintsokolo yaye azixhobisi ulutsha ngezakhono kuphela kodwa zinika ulutsha ithuba lokuphucula iimpilo zabo ngomvuzo abawufumanayo. Sikwamkela ngezandla ezingenamikhinkqi injongo ethe yabhentsiswa sisigqeba esilawulayo sesithandathu (6th) ukungananzwa kweminyaka yamava okusebenza kumanqanaba asezantsi amathuba engqesho njengoko ukunikwa ingqalelo kweminyaka yamava okusebenza kuchaphazela ukuqesha isigxina abo bathatha inxaxheba kwezi nkqubo zingentla zezempilo.

Ezempilo zabantwana namanina

Nkosikazi Somlomo, senze inkqubela-phambili encumisayo ukunciphisa ukubhubha kwamanina nabantwana ephondweni lethu. Kuchatha wezigidi ezingamakhulu amathathu aneshumi elinesixhenxe leerandi (R317) owafunyenwe kuNondyobo, isebe liye lakwazi ukuhlawulela iinkonzo zabasebenzi ababalulekileyo bezigulo ezingaliwaka elinamakhulu amahlanu aneshumi elinesithandathu (1 516) bezibhedlele ezingamashumi amabini anesithandathu (26) apho awona mabango amatyala aphahelele kwezonyango avame khona. Izixhobo zonyango ezifikelela kwizigidi ezingamashumi amabini anamawaka angamakhulu asibhozo eerandi (20.8) ziye zathengwa ukuncedisa ukuphonononga ngexesha lokubeleka nokuphawula uxinizelelo losana olungekabilekwa kumanina kwezi zibhedlele zingundoqo. Ngenxa yolu ngenelelo, ezi zibhedlele zilandelayo: St. Barnabas, Uitenhage Provincial, St. Patrick's, Dr. Malizo Mpehle, Aliwal North, Taylor Bequest, (Mt. Fletcher) Madzikane KaZulu, Bhisho, Madwaleni, Butterworth, Humansdorp, Graaf Reinet, Settlers, neAll Saints zinamacandelo asabenzayo weentsana ezandula

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20

ukubelekwa ezinazo izixhobo ezidingekayo ezingundoqo zeentsana ezandula ukubelekwa. Amaqela eeNgcali zeZigulo kwiiNqila sele eqalile ukuqeqesha oogqirha nabongikazi ngeenkonzo zamanina nabantwana ezikhuselekileyo nezinolwamvila.

Sixhinele ukuqinisekisa ukuba unxulumano oludalekileyo phakathi komama, usapho nomntwana ongekabelekwa alophulwa ngenxa yeziphumo neziganeko ezibi ngexesha lokubeleka. **Akukho nto siyinqwenela nesiyithanda njengokubona uncumo novuyo kumama oqala ukufunqula usana lwakhe olutsha.**

linkonzo zeengcali

Malungu Abekekileyo, senze inkqubela-phambili ngokuthi sinyuse izinga lokufumaneka kweenkonzo zengcaleni ephondweni. Siye satyala kuhlaziyo olukhulu lweziseko zophuhliso ezingundoqo eFrere Hospital, nto leyo ekhokelele ekubeni izigulane zifumane inkathalelo yeqondo eliphezulu, ezonyango ezixhaswa bubuchwepheshe eziphume izandla kwigumbi lale mihla labantwana nelo labantu abadala abalele ngandletyana-nye, icandelo lomhlazo nelezonyango. Amagumbi amatsha amabini wabantwana athe afezekiswa ngenxa yobuhlakani phakathi kweSebe neCarte Blanche Trust lunike abantwana abangaphezu kwamawaka amathathu (3 000) ukufumana iinkonzo ezingxamisekileyo nezikaxeka zoqhaqho yaye ngoku baphila ubomi obungcono bakwanekamva eliqaqambe ngakumbi ngenxa yolu ngenelelo. IFrere Hospital yandise ukufumaneka kweekathalelo yeengcali yaye ineenkonzo zezigulo ezisulelayo nezengqondo zabantu abadala nabantwana nekuphela kweziko kule ngingqi kumaziko karhulumente nakwawabucala ukunikeza ngezi nkonzo. Inkqubo yaseFrere exananazileyo ekwizinga lehlabathi yokuhlasela okugoga Amalungu omzimba iqhwatyelwa izandla kuzwelonke nakwihlabathi jikelele ngokunceda izigulane ngephanyazo xa zither zaneepmawu zokuhlaselwa kukugogeka kwamalungu omzimba kwigumbi labonzakeleyo ngokumasikizi nalapho izigulane zancedwa khona kwisithuba esingaphantsi kwemizuzu engamashumi amathandathu (60) ukususela ukungena kwazo emnyango ukuya kufamana kwazo inaliti. Amalinge wesebe okuguqula isimo sonikezelo lweenkozn eFrere luwongwe ngeDr. Kwang Tae Kim Grand

**INTETHO YOHLAHLO LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

Merit Award kwiQumrhu leHlabathi leziBhedlele eAustralia. Le mpumelelo incomekayo ibhentsisa ukuba kunakho ukuphuculwa kwezinga lenkathalelo esiyinikezayo ukuba sikwazi ukukhuphisana noomakhwekhwetha kwiqonga lehlabathi.

Ukuvulwa kwesibhedlele esimbetshembetshe nesinobuchwephesha iCecilia Makiwane siza nonikezo lweenkonzo ezintsha ezifana necandelo lonyanga izigulo zamathambo, namacandelo amathandathu (6) okunyanga izigulo zemiphunga.

Esi sibhedlele sinecandelo elitsha kraca lokunyanga izigulo zemiphunga, icandelo labaleli ngendlelatyana-nye, icandelo lwale mihla labadlezana, isebe lerediyoloji, icandelo lwale mihla labadlezana, icandelo lwabantwana abaleli ngandletyana-nye, icandelo labatshileyo kunye nomthombo-ngqangi wezempilo obobumbetshembetshe nobuchwephesha bale mihla. Esi sibhedlele ngoku sikwaliziko lenkcubeko lompondo-zihlanjiwe wokuqala omnyama wezempilo eAfrika. Umyezo wembali, umfanekiso oqingqiweyo kaCecelia Makwiane, igumbi lokuthi ngqwadalala nethawa yabongikazi sele zivulelwe ukusetyenziswa. Ngapha koko, isibhedlele esi sele siphawulwe ngokusesikweni njengesiza sephondo sokwenza ufungo lwamaziko-mfundo aqeqesha abongikazi ephondweni.

ILivingstone Tertiary Hospital ithathe imitsi ekuphumezeni iinkonzo zonyango-nzulu ngothambiso-lolongo lomzimba kufundwa ngombane wentliziyo nowamanye Amalungu omzimba kubantwana nakubantwana yaye ngoku esi sibhedlele sifumana izigulane ezithunyelelwe ukufumana unyango kwesi sibhedlele ezisuka kumaphondo afana naseRhawutini, ukanti mandulo, iphondo belifudula lithumela izigulane ukuba zifumane unyango kumanye amaphondo. Esi sibhedlele siqulathe icandelo lokuqala lonyango-nzulu ngothambiso-lolong lomzimba kufundwa ngombane wentliziyo nowamanye amalungu omzimba ebantwaneni kweli lizwe elikhathatshwa yiGamma Camera enobumbetshembetshe nobuchwepheshe bale mihla. Isibhedlele sikwakhe icandelo lokunyanga umhlaza ebantwaneni yaye likwanikeza ngenkonzo yokuthutha-ngoqhaqho-nyango iincindi zomzimba (stem cell transplant). IDora Nginza Regional Hospital ifumene uhlumo

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20

olukhulu kwicandelo lezonyango labantwana nalapho icandelo leentsana ezandula ukuzalwa lifumene ukufunquka komthamo weebhedi ukusuka kwishumi elinesithandathu (16) ukuya kumashumi amabini anesithandathu (26) ngeli iibhedi kwicala labantwana abaleli ngandletyana-nye liye lanyuka ukusuka kwisine (4) ukuya kwisibhozo (8). Isibhedlele esi siye savelisa intlaninge yeengcali ezingamasekela ezilolongwe kwesi sibhedlele kumacandelo ekunqongophele kuwo izakhona afana necandelo lokunyanga umhlaza ebantwaneni, utyando, nokhathalelo lweentsana azandula ukuzalwa.

Malungu Abekekileyo, ukonyulwa kweengcali kuquka umthambisi-mlolongi womziba wezigulana ezikwicandelo labaleli ngandletyana-nye, ingcali lwezigulo zamathambo neziphako apho kukhlangana khona amathambo emzimbeni womntu, ingcali kwizigulo neziphako zentliziyo ebantwaneni eNelson Mandela Central Hospital kukhokelele ekuphucukeni ekufumaneni inkathalelo yonyango yeengcali eziphezulu kunye nokuncipha kwenani lezigulane ezithunyulelwa unyango kwezinye izibhedlele. Isibhedlele sikwafakele isikeni esinemicephe elikhulu elinamshumi amabini anesibhozo ukuphucula iinkonzo zokubhaqwa kwezifo nokunciphisa amaxesha okulinda kwezigulane. Kubambiswano esizingcayo ngalo neWalter Sisulu University, isibhedlele ngoku sinakho ukuvelisa amalungu omzimba afakelwayo. Ukonyulwa kweengcali kunyango lwezigulo zamathambo kuye kwenza isibhedlele sakwazi ukuqalisa ngeenkonzo zonyango zethambo lomqolo notyando olulungisa ukumila kwelungu lomzimba apho kuhlangana khona amathambo nto leyo ekhokelele ekuncipheni kwezigulane ezithunyelwa ukuba zifumane unyango eInkosi Albert Luthuli Hospital kwiPhondo iKwaZulu-Natal.

Malungu Abekekileyo, njengempendulo kwintlekele yolwaluko olugwenxa, iNelson Mandela Central Hospital isungule iphulo lokululamisa ubudoda nesindise iimpilo zabantu yaze yabuyisa nesidima samadoda aseze ngobuso elizweni. Kwakhiwe necandelo lotyando lwendlebe ngaphakathi yaye eli candelo liye lanotyando lwalo lokuqala olubeyimpumelelo ngeyoMnga ka-2018. Usana oluneminyaka emithathu (3) olusisithulu uQiqi Njiva uve unina emkhwaza ngegama lakhe okokuqala emva kolu tyando luye lwayimpumelelo. Unina kaQiqi Njiva, uSinovuyo Njiva uthe, **“Eli lihlabathi elitsha kraca emntwaneni wam nozalelwe kwinzolo, kodwa**

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20

ngoku uyandiva xa ndibiza igama lakhe. Sinombulelo ongazenzisiyo koogqirha nakwisibhedlele kwale mpumelelo ingathethekiyo ebomini bomntwana.”

Sekela Somlomo Obekekileyo, isebe lizakwandisa unyango lomhlazo kusetyenziwa imichiza kuluntu olukwiingqngqi ezikwimpuma yephondo ngokuqalisa ukunikezela ngecandelo lonyango lomhlaza kusetyenziswa imitha yobuchwepheshe. Oku kukuphendula okukhawulelani nenyano ebubunzima obujamelene nezigulane nekufuneka zihambe umgama omde ukufumana iinkonzo eMonti okanye eBhayi. Sikwamkela ngombulelo omkhulu isibhambathiso esenziwe yiNkulumbuso sokunikeza ngenkxaso-mali yomatshini odingekayo kakhulu kwesi sibhedlele iLinear Accelerator. **Noko Sekela Somlomo, lo mbutho usithumileyo kulawulo lweli phondo uyakhathala yaye okwethu kukuqinisekisa ukuba siyayibonisa loo nkathalo xa sisizisa iinkonzo ebantwini.**

Malungu Abekileyo, siye senza umqela okholisayo ukubonakalisa ukuphendula kwethu eluntwini ngokungafihlisiyo ngokusebenzisa ngaphezulu kweebhiliyoni ezingamashumi amabini (R20) eerandi kwisabelo sonyaka ngamnye yaye oku kuboniswa kukuba isebe lifumene uphicotho-zincwadi olungenagxeke kwiminyaka-mali emithathu elandelelanayo edlulileyo. Sizijwila ijacu sizama ukuqinisekisa ukuba siyayiphucula indlela esiqhuba ngayo kwiinjongo ezibekiweyo yaye siyishukuxe imingeni esithintela ekufikeleleni kuphicotho-zincwadi oluneziphumo ezingcono nakule imiba.

Ilingeneni

Nangona kukho yonke le mpumelelo, le minyaka mihlanu idlulileyo akhange isinde ekuthwaxweni yimingeni. Siye saqhubeka nokubakwimeko emaxongo yezezimali ngenxa yokukhula kwezidingo zempilo xa zithelekiswa nokuncipha kovimba wezimali. Ezi ndleko zingentla zokunyuka kwamaxabiso weenkonzo zonyango nokuntingela phezulu kwamabango amatyala aphaathelele kwezonyango zisengela phantsi amalinge wethu iinkonzo zempilo zezinga eliphezulu ngaphandle kophazamiseko. Ngapha koko, isebe linomthwalo womsebenzi ongaqibekanga kwiziseko ezingundoqo zophuhliso, ngxaki leyo esusela kwixesha lamaphandle.

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI NOMGAQO-NKQUBO 2019/20

Ukuphelisa nya oku kungagqibeki komsebenzi osafuna ukwenziwa nokulungiselela onke amaziko ezempilo iNHI, sizakudinga utyalo-mali olumandla.

Izinto ezingundoqo kunikezelo lweenkonzo ngo-2019/2020

Nkulumbuso Ebekekileyo, ngonyaka-mali ka-2019/20, kuzakufuneka sixoze mphini wumbi kodwa soleke umsundulu kwimpumelelo eyenziweyo kwiminyaka emihlanu (5) edlulileyo ukuphumeza iintsika ezingundoqo eziphimiselwe kukhankaselo lonyulo lweQela Eliphetheyo. Izicwangciso zethu zithwele isimemelelo sesebe sokunikeza iinkonzo zezempilo zezinga eliphezulu njengoko oku nechaphaza elinwenwayo ezimpilweni zabantu noluntu, kungoko kukhankanywa ngokugqamileyo ukubaluleka kwezempilo njengundoqo.

Ngonyaka ka-2019/2020, sizakuqhubeka sifaka intsontela ekuhlaziyweni kwenkathalelo yokuqala yezempilo njengentsika kaNHI. Sizakungqiyama koko sikufundileyo kwizithili ebeziqoma iNHI iOR Tambo neared Nzo. Njengoko sizakube sisasaza iinkqubo zokululengela iNHI kuzo zonke iinqila. Sizakufaka intsontela yaye sandise ngokukhawuleza amasebe weNHI kuquka iiWBOT zethu yaye siwanike sibaxhobise ngoqeqesho olongeziweyo nezinye izixhobo zokusebenza. Inkqubo yeSikolo Ethungelana nezeMpilo izakuqhubeka inikeza iinkonzo zezempilo zesikolo igxile ikakhulu kwezempilo eziphathelele kumalungu omzimba angasese nokuthintela ukukhulelwa komlisela nomthinjana osafikisayo. Inkqubo yeDCST izakuqhubeka inikeza uqeqesho nenkqubo zokuphuma ingqina kwamagosa ezempilo karhulumente ukuya eluntwini ukuphucula ezempilo zamanina nabantwana kwiphondo jikelele.

Malungu Abekekileyo, inkqubo yethu yeziseko ezingundoqo zophuhliso izakugxila ekuxhaseni amaziko ezempilo ukuphucula iziphumo zonyango lwezigulo ngeyona ndlela inolwamvila oluvakalayo. Sizakwakha Amacandelo Okulandlwa Kwabantwana eeyure ezingamashumi asixhenxe anesibini (72) kuzibhedlele zeenqila eziphawulelwe oko; kuqhutywe ulwakhiwo ngokutsha olungayangaphi lweeklini namaZiko woLuntu ezeMpilo; kuthengwe izixhobo zokubhaqa izifo ezikwizinga elisakhasayo nokulondoloza izixhobo zonyango esele zikho kumaziko weenkonzo zezempilo zenkathalelo yokuqala; ukuphucula ukucocwa kwamanzi

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

nogutyulo lwelindle kumaziko asemaphandleni; ukufakela umbane nokufakela uqhagamshelwano lwamanzi kwiikliniki; ukuphelisa izakhiwo zodaka nezinye ezingafanelekanga; nokuhlaziya izakhiwo zamanqgwala okuhlala oompondo-zihlaniwe bezempilo.

Isebe lizakuma ngokungagungqiyo ngelixhasa isigqibo salo somgaqo-nkqubo sokungakhi iziseko ezingundoqo zophuhliso koko kulondolozwe iziseko zophuhliso ezingundoqo esele zikho. Ngokokukuko, ulwabiwo-mali lweziseko ezingundoqo zophuhliso, izakuguqulwa kuleyo ibimiselwe ukwakha uzakhiwa ezingoobhazabhaza ilungiselelwe ukwenza uhlaziyo olungayangaphi nokuphumezwa kwenkqubo embaxa nenenkuthalo kulondolozo lweziseko zopnasekhuliso ezingundoqo zempilo zobuchwepheshe nelCT.

Somlomo Obekekileyo, ukuqinisekisa ukhuseleko lwamanina akhulelweyo nokubelekwa okukhuselekileyo kweentsana kumaziko wethu kundoqo kuthi yaye kuzakuqhubeka kunjalo. Sizakuqhubeka silumana indlebe namaqoqo oluntu nabanyangi bemveli ngobungozi bamayeza esintu negalelo lawo kubantwana ababelekwa phambi kwexesha, ukubhubha ngexesha lokubeleka, ukusweleka kweentsana kumagumbi eentsana, nokungondleki kweentsana ezandula ukubelekwa kwezona nqila zephondo zisemaphandleni. Sizakusungula iinkqubo zemfundo sixhase nomama kwinkathaleleo phambi kokubeleka, kwinkathalelo emva kokubeleka nasekuncanciseni iintsana ibele kuphela. Sizakuqinisekisa ukuba zonke izigulane eziphila nentsholongwane kagawulayo (amanina nabantwana) ezifanele ukufumana unyango ziqaliswa kwiART; yaye sinciphise nezinga lokusulela kwentsholongwane isuka kumama isiya emntwaneni. Sizakubamaxhaphetshu nangephulo logonyo ukuqinisekisa ukuba abantwana bayagonywa yaye baphononongelwa ukuba bakhule.

Somlomo Obekekileyo, kufuneka siqhubeke nomlo wethu ozondeleleyo ochasene nogawulayo nentsholongwane yakhe nesifo sephepha. Ungenelelo lwethu kulo mba luzakungqiyama ngeqhinga i90-90-90 nenjongo yalo ikukuphawula amashumi asithoba ekhulwini (90%) wezigulane eziphila nentsholongwane kagawulayo nezo ziphila nesifo sephepha, ukunikeza ngonyango olulwa intsholongwane kagawulayo

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

nogawulayo nonyango lwesifo sephepha kwabo bafumaniswe benazo ezi zifo, yaye siphumeze ukucinizelela phantsi ulwamvila lwentsholongwane emzimbeni nokunyanga ngokuyimpumelelo okufikelela kumyinge wamashumi asithoba (90%) wabo banyangwayo phambi ko-2020. Ngoko ke sizakube sivavanya abantu abasisigidi esinawaka angamakhulu asixhenxe (1.7) sibavavanyela intsholongwane kagulwayo, yaye sibenezigulane ezingamawaka angamakhulu amathandathu anamashumi amathathu anesihlanu anamakhulu asixhenxe anesithandathu (635 706) asele esitya amayeza asindisa ubomi alwa intsholongwane kagawulayo nogawulayo ekupheleni kweyoKwindla ka-2020. Sizakukwahambisa iikhondom ezizigidi ezilikhulu elinesibhozo (108) ngokobuchule kwiindawo zikawonke-wonke ukuthintela ukwanda kwentsholongwane kagawulayo, ukukhulelwa okungacwangciswanga nezigulo ezisulela ngokwabelana ngesondo.

Somlomo Obekekileyo, iQumrhu lezeMpilo kwiHlabathi lihlaba ikhwelo lesilumkiso ngokwanda kokusuleleka ngesifo sephepha nokubhubha ngenxa yesi sifo ehlabathini jikelele. Ngenxa yale meko, sijonge ekufezekiseni ukunyanga ngokuyimpumelelo izinga lezigulane zesifo sephepha elifikelela kumyinge wamashumi asibhozo anesihlanu ekhulwini (85%) ngeli xa sikwanciphisa nokuduka kwezigulane ezinyangelwa esi sifo kumyinge ofikelela kwisixhenxe ekhulwini (7%).

Ngoko ke sizakusungula amaphulo afana neTreatment Retention Acceleration Plan (TRAP) neWelcome Back Campaign kumaziko angamashumi asithoba anesihlanu (95) angundoqo kwiphondo lonke ukuze kuphucuke ukugcinwa kwezigulane kunyango nokunciphisa izigulane ezizakuthi ziduke ngexesha lonyango. Okunye, sizakusebenza ngokubambisana namahlakani axhasayo nabanye abathathu-nxaxheba kumaqonga okulawula intsholongwane kagawulayo nesifo sephepha ukuphuhlisa ukuphucuka kweziphumo zolawulo lwentsholongwane kagawulayo nesifo sephepha.

Somlomo Obekekileyo, njengoko sendiphawule tanci kwintetho yam, le njengenyanga yokuxhobisa ngezeMpilo zeNgqondo, isebe lizakugxila ekuqiniseni iinkonzo iinkonzo zezempilo zengqondo kokuphucula ukusebenza okukuko kwezibhedlele zezempilo yezengqondo. Ulonyulo olwenziwe nguMphathiswa

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

wezeMpilo lokuchonga uNjingalwazi ukubaluleka kweenkonzo zezempilo zengqondo. Ngokusebenza noNjingalwazi Mkhize, siqinisa iintsontela ekusebenzeni okukuko kweenkonzo zethu zezempilo zengqondo kunye nokusebenza okukuko kweebhodi zethu zezempilo zengqondo. Sesiqalile ukuphumeza iziphakamiso zikaNam-ndiyakrokra wezeMpilo yaye sizakube sixovula inkqubela-phambili eyenziweyo ngalo mba ngexesha leNtetho yezeMpilo zeNgqondo nendizakuyisingatha njemgesikhumbuzo seNyanga yezeMpilo yezeNgqondo.

Somlomo Obekekileyo, sigqibezela izintlu eziseleyo ezilungiselela ukuphumezwa kwamanqanaba amatsha ezikhundla zengqesho zesebe. La manqanaba ezikhundla zengqesho ahambelana kunye neCebo Lonikezelwe Lweenkonzo eliphuculiweyo yaye lugxininisa iqhinga leNkathalelo yokuQala yezeMpilo (PHC). Ngapha koko, oku kuphethululwa kwezikhundla zengqesho kwenziweyo lisebe kusisenzo esenziwe ngenjongo yokuphendula kwizidingo nezinyanzeliso zokunikeza iinkonzo zezempilo zenqanaba eliphezulu kubantu baseMpuma Kapa ezikhokelisa ukukholiseka kwezigulane. Ngoko ke la manqanaba ezikhundla zengqesho agxile ekuphuhliseni amaqela aluqilima eenqila namaqela olawulo ezibhedlele ngokuhambelana neenqila ezinqwenelekayo zeNHI nabasemagunyeni ezibhedlele, yaye aqinisekisa ukuba iinqila namaziko axhotyiswe ngokwaneleyo ukuba asebenze ngokugqibeleleyo.

Ukongeza, yaye nangokuhambelana nesibhambathiso sakho Nkulumbuso Ebekekileyo, sizakwandisa abasebenzi bethu ngokuqesha abongikazi abangamakhulu amahlanu (500) phambi kokuphela kwenyanga yoMnga ka-2019 sibe ngokwenza oku sifaka intsontela iinkonzo zethu zokunikeza iinkonzo ngqo eluntwini nokugcwalisa izikhewu zengqesho kumaziko wethu. Isicwangciso sethu sonyaka sokuqesha sika-2019/20 sikwakhokelisa imisebenzi yabo banikeza iinkonzo ezixhasa ezempilo eziquka abancedisi jikelele, abathuthi bezigulane ngaphakathi kumaziko ezempilo, nonobhala emawadini.

Somlomo Obekekileyo, ngokuhambisana nokungenelela kwethu ekuqiniseni iinkonzo zempilo zamanina nabantwana, sizakuqhubeka nomlo wokunciphisa

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

amabango wamatyala omthetho aphahelele kwezonyango sikwenza oku ngokuphumeza iqhinga lethu lezempilo elinothungelwano. Sithetha nje inqanaba lamabango achasene norhulumente awalawuleki yaye ayabugrogrisa ubume abuzinzileyo bezezimali ephondweni. Oko sixhinile kwilinge lethu lokuqinisekisa ukuba sisiphula neengcambu zonke izintlu zorhwaphilizo kumabango wamatyala omthetho ngokuphathalele kwezonyango afakwa esingise kurhulumente, kungoko sisamkela uphuhliso olutsho. Senze umqela oncomekayo ekuzikhuseleni kumatyala omthetho ngokuphathalele kwezonyango ngokusebenzisa intlanganisela yamahlakani weengcali zomthetho ngokuphathalele kwezonyango nokuthe ukususela ukunyulwa kwabo ngeyeDwarha ngo-2017, baye baphumelela ekurhoxisweni kwemiba elishumi ibixabisa izigidi ezilikhulu elinamashumi asibhozo anesithandathu anamawaka angamakhulu amathandathu eerandi (186.6) ngamagqwetha abefake amatyala enkundleni yaye kwanikezwa iindleko zamatyala angamashumi amabini (20) ukuba zihlawulwe ngabamangali.

Malungu Abekekileyo, sizakwandisa iqhinga i90-90-90 silandisela kwizigulo ezinganyangekiyo. Sizakunyusa ulwamvila lwamaphulo okuxhobisa ukugidinga impilo nokubasempilweni, sinika ingqwalasela ethe chatha kuhlolo nokunyangwa komhlaza webele nowesibeleko; uphazmiseko lwezempilo zengqondo; kunye nothintelo nonciphiso lokubasebugciphekweni bezigulo ezibangelwa yindlela yokuphila komntu. Kunyaka ka-2019/20, ngoko ke, sijonge ekuphumezeni ukuqhuba uhlolo lweziphako kwilungu langasese lwamanina ukufumanisa iziphako ezinokubonakalisa iimpawu zomhlaza wesibeleko, iinkqubo zonyango ezingamawaka amabini anamakhulu amahlanu (2 500) zokususa kwesiphako ebesinokubangumhlaza ukuba besinokunganyangwa, nokuhlolwa kokususwa kwenwebu kumzimba ophilayo kubantu abaliwaka linamakhulu amabini (1 200). Sikwajonge nokuhlola abantu abazizigidi ezintathu ezinawaka angamakhulu amabini (3.2) sibahlolilela iziphako zempilo zengqondo njengenxalenye yongenelelo lwethu olwandisiweyo ukufa intsontela iinkonzo zempilo zengqondo.

Malungu Abekekileyo, ndiswele Umlomo wokugxininisa isidingo sokuzigcina siphila ngendlela esempilweni ngelinge lokunciphisa umthwalo wezigulo ezingosuleliyo. Ngonyaka ka-2019/20 sizakube sivavanyela uxinizelelo lwegazi olumandla

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

neswekile izigulane ezisigidi esinye esinesiqingatha (1.5) ngokulandelelana. Ndihlaba ukhwelo kuye wonke ubani olapha namhlanje ukuba senze konke okusemandleni wethu ukuphila ubomi obusempilweni ngokuthi senze izinto ezilula ezifana nokunciphisa umyinge wethu wokutya ityiwa neswekile; sizele izinto ezininzi ezingamanzi; yaye sizibandakanye kukuzivocovoca okanye imithambiso.

Sizakuqhubeka sinikeza iinkonzo zeengcali kwizibhedlele zethu zeengingqi sigxile ikakhulu kumacandelo wethu weeNgozi neeMeko Zikaxakeka yaye siyile iqhinga elikhawulezileyo lokuphendula kumthwalo owongezekileyo ngenxa yonxunguphalo nomonzakalo wezigulane. Ngonyaka ka-2019/20 sizakuvula amawadi eenNgozi Neemeko zikaxakeka kwizibhedlele iFrere neFrontier yaye la mawadi azakuqulatha ubuchwepheshe bale mihla obudingekayo ukuzinzisa nokuphaphamisa izigulane zeemeko zikaxakeka. Sizakunyusa nomthamo wecandelo labantwana eFrontier Hospital ngeebhedi ezilishumi elinesihlani (15) eziquka iibhedi zabecandelo labaleli ngandletyana-nye nabo badinga inkathalelo emandla. Kungentsuku zatywala, sizakube sinikeza iCathlac entsha kraca yodidi oluphezulu ePort Elizabeth Provincial Hospital.

Malungu Abekekileyo, isebe lizakungqiyama ngelCT ukwandisa ezempilo ezixhaswa bubuchwephesha neqhinga loqhagamshelwano lobuchwephesha yaye lityale kuphuhliso lwezobuchwepheshe obudingekayo nezinye izixhobo ukufezekisa amanqanaba aphezulu ohambiso lweenkonzo olungahexiyo kuwo onke amaqonga weenkonzo zempilo. Isebe lizakubhadula ukufumana iindlela ezinobuchule nobuvela-tanci bokukhawulezisa ukufumaneka ngendlela efanayo nelinganayo yongenelelo kwindlela zale mihla zokuhlalela ukubhaqa isigulo, ungenelelo kunyango, nongenelelo ngokwezezigulo kwezona ngingqi zasemaphandleni ngokuhlanganisa iindlela zeengcali nezohlolo lokubhaqa isigulo phakathi kwamaziko weedolophu nalowo wasemaphandleni.

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

UHLAHLA-LOLWABIWO-MALI NOLWEENKQUBO

Nkosikazi Somlomo, ndivumele ngoko ndithi thaca uhlalo lolwabiwo-mali luka-2019/20 lweSebe lezeMpilo leMpuma Kapa leBhiliyoni ezingamaShumi amaBini anesiHlanu, aneZigidi eziliKhulu elinamaShumi asiBhozo anesiThoba, anamaVaka angamaKhulu amaThandathu anamaVaka angamaShumi amaThathu anamaVaka amaBini eeRandi. Inqwanqwa elingezantsi libonisa ukucazululwa kolwabiwo-mali ngokwenkqubo nesintlu ngasinye sezoqoqosho.

PINKQUBO	UHLAHLA R'000
1. Ulawulo	714 361
2. linkonzo zeMpilo zeNqila	12 862 682
3. linkonzo zoNyango Zikaxakeka	1 393 057
4. linkonzo ZesiBhedlele sePhondo	4 090 782
5. linkonzo ZesiBhedlele esiseMbindini	3 626 551
6. EzeNzululwazi yezeMpilo noQeqesho	929 809
7. linkonzo zeNkathalelo eziXhasa ezeMpilo	125 835
8. Ulawulo LwamaZiko ezeMpilo	1 446 555
Xa iphelele	25 189 632
ISINTLU NGOKWEZOQOQOSHO	UHLAHLA R'000
Ukuhlawulwa Kwabasebenzi	19 962 268
Izinto Eziphathekayo neeNkonzo	6 292 808
Ukuthunyelwa kwenye indawo nokuxhaswa ngokwemali ngurhulumente	296 705
Ukuhlawulelwa kwezinto zexabiso ezingundoqo	1 637 851
Xa iphelele	25 189 632

INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI NOMGAQO-NKQUBO 2019/20

Njengesiqhelo Somlomo Obekekileyo, uhlahlo oluthe xhaxhe lolu lwabiwo-mali luya kwiiNkonzo zeMpilo zeNqila ukuphumeza Uhlaziyo lweeNkonzo zeMpilo zokuQala, ukuqinsekisa ukuthobela zeOfisi yeZinga lezeMpilo (OHS) kunye nokufumaneka kwezinga Elikholisayo leeKliniki ngamaziko wethu. Sifuna ukuqinisekisa ukuba ngenxa yokubambisana oluqileyo norhulumente wengqingqi, amanqila ayakwazi ukuphumeza ukufikeleleka kwiPHC nokufumaneka kweenkonzo zempilo zenqila kumyinge wamashumi asibhozo (80%) ekhulwini woluntu.

linkonzo zePhondo nezeziBhedlele zikwindawo yesibini ekufamaneni uhlahlo oluninzi lwemali ngokulandelelana, yaye ezi zigxile ekufakeni intsontela ukufumaneka kweenkonzo zeengcali yaye zidlale indima kwiinkqubo zeenkonzo zangaphakathi nezo zokuphuma ingqina kwamagosa karhulumente esiya leuntwini nokufaka igxalaba kwiinkqubo zempilo zenqila njengoko kunqwenelwa kwiNHI.

Ulawulo LwamaZiko ezeMpilo nalo lufumana isabelo esivisayo ukuphucula nokulondoloza iziseko zophuhliso ezingundoqo nezixhobo zonyango kumaziko ezempilo kwiinkalo zonke zephondo.

Ukuqongqotheni umphanda

IAfrican National Congress yenze isibhengezo esicacileyo kubo bonke abemi boMzantsi aAfrika sokuthatha inxaxheba kuhlumo nophuhliso lwelizwe kulo nyaka. Esi sibhengezo senziwa ngenxa yokunxibelelana okumbaxa boMzantsi Afrika noko bakulindeleyo. Ukushwankathela konke oko kwenziwe ngurhulumente weANC kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu (25) yokuqala yolawulo ngentando yesininzi, ezeMpilo liyaqhubeka lidlala indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba siyawunciphisa umthwalo wezigulo ephondweni ngokunikeza inkonzo yezempilo engenamakhwiniba kwizigulane zethu nokuba injani na imeko yabo yentlalo nezoqoqosho. Uxanduva lwethu kukuphumeza iinjongo zempilo ezibekelwe ukuphumezwa sisiCwangciso soHlumo sikaZwelonke (NDP) nokhankaselo lonyulo lweQela Eliphetheyo.

Kulo nyaka sime emagxeni wamqhawekazi, amaqhawe namadini omzabalazo negalelo labo kwinkululeko noxolo olwazala iinguqu ezinkulu lwaze lwandalela

**INTETHO YOHLAHLA LWABIWO MALI
NOMGAQO-NKQUBO
2019/20**

ulawulo lwethu ngentando yesininzi isiseko. Inkululeko yethu izalwe ngenxa yamadini yamatsha-ntliziyo awayelelwa inkululeko edlala iindima ezahlukeneyo kumzabalazo ukugabulela indlela ulawulo ngentando yesininzi. Ngoku sikhwebelwa kufuphi ukuba siqubule amakhakha neengweletshetshe sijongise imibombo kwimfazwe eyahlukileyo; leyo yokulwa iziphene zentlalo yoluntu ezinegalelo kumthwalo wezigulo nezigulo ezibangelwa yindlela yokuziphatha kwabantu ekhokelela kwizigulo ezinganyangekiyo. Okwethu kukuqhubeka nokunza phambili nokuqinisekisa ukuba abantu baseMpuma Kapa baphila ubomi obusempilweni nto leyo ezakubenza ukuba bakwazi ukufaka igxalaba kuhlumo nophuhliso lwephondo. Amade ngawetyala mawethu, umsebenzi mawuqale kuba abantu bafuna ukuphila!

NjengeSebe lezeMpilo eMpuma Kapa, sizinikela ukufezekisa amaphupha weFreedom Charter, “inkqubo yezempilo ethintela izigulo kumele ukuba iqhutywa ngurhulumente,”

“Unyango lwezempilo lwasimahla nenkathalelo yasesibhedlele kumele ukuba unikezwa kuye wonke ubani, kunikwe ingqwalasela oomama nabantwana abancinci.”

Xa ndiqwela umongo, uChe Guevara wathi, “Ukuba ndiyohluleka, oko akuzokuthetha ukuba bekungakwazeki ukuphumelela.”